

## Ukuva Ubunzima Ngenxa KaKristu



### Sabatha Emva Kwemini

#### Fundela Isifundo Sale Veki:

1 Pet. 1:6, 3:13–22, 2 Tim. 3:12, 1 Pet. 4:12–14, IsiTy. 12:17, 1 Pet. 4:17–19

#### Indima Yenkumbulo:

“Kuba nabizelwa oko; ngokuba noKristu weva ubunzima ngenxa yethu, esishiya nomzekelo, ukuze silandele emkhondweni wakhe” (1 Petros 2:21).

**I**mbali yentshutshiso kwiinkulungwane ezimbalwa zokuqala zobuKristu iyaziwa kakhulu. Ibhayibhile ngokwayo, ngakumbi incwadi yeZenzo, iyakrobisa kwinto eyayilindele ibandla. Intshutshiso, nokuba ubunzima ekuzisayo, ikwa yinto eqinisekileyo necacileyo ukuba ikho ebomini bamaKristu abhalela wona uPetros. Kwisahluko sokuqala, uPetros uchaza esithi, “umzuzwana ngoku, ukuba nimelwe kuko, phakathi kwezilingo ngezilingo, ukuze ukucikideka kokholo lwenu kufunyanwe kunqabile kakhulu, ngaphezu kwegolide le itshabalalayo, noko icikidwa ngomlilo; kuse kuyo indumiso nembeko nozuko ekutyhilekeni kukaYesu Kristu” (1 Pet. 1:6, 7). Phantse inkcazo yokugqibela eleteni ithetha kwale ngcamango inye: “Ke kaloku uThixo walo lonke ubabalo, owasibizelayo eluzukweni lwakhe olungunaphakade, sikuKristu Yesu wanga angathi ngokwakhe nakuba nive ubunzima umzuzwana, anilungise nigqibelele, anizimase anomeleze, anisekele” (1 Pet. 5:10).

Kule leta imfutshane, azikho ngaphantsi kwesithathu iindawo ezandisiweyo ezithetha ngokuva ubunzima kwabafundi bakhe ngenxa kaKristu (1 Pet. 2:18–25, 3:13–21, 4:12–19). Nangakuphi na ukubala, ke ngoko, ukuva ubunzima obubangwa yintshutshiso bungumxholo ophezulu kwencwadi yokuqala kaPetros, ngoko ke, siya kuyo.

*\*Funda isifundo sale vekhi ukulungiselela iSabatha ka-Meyi 6.*

## Intshutshiso YamaKristu Okuqala

**Funda 1 Petros 1:6, 5:10. Uthetha ngantoni uPetros, waza wathi mabaphendule njani abafundi bakhe kwinto ababejongene nayo?**

---



---



---

Kwiinkulungwane ezimbalwa zokuqala, ukuba ngumKristu nje kwakuba nesiphumo sokufa kakubi. Ileta eyabhalelwa ikumkani yamaRoma uTrajan, ibonisa ukuba sengozini kokhuseleko lwamaKristu okuqala. Ileta yayivela kuPliny, owayeyirhuluneli yasePonto naseBhitini ngexesha lokubhala (AD 111–113), izithili ezibini ezikhankanywe ku-1 Petros 1:1. UPliny wayebhalele kuTrajan ecela ukukhokelwa ngokubhekiselele ngemakwenziwe kubantu ababe bekwa ityala lokuba ngamaKristu. Wachaza ukuba abo bamele ukuthi babe ngamaKristu wayebabulele. Abanye bathi, nangona babe ngamaKristu ngaphambili, babe ngasengawo. UPliny wabavumela ukuba babonise ukuba msulwa kwabo ngokubayalela ukuba banikele isiqhumiso kumfanekiso oqingqiweyo kaTrajan kunye nabanye oothixo, kunye nokuthuka uYesu. Ukunqula ukumkani ophilayo kwakungaqhelekanga eRoma, nangona kwimpuma yobukumkani baseRoma awayethunyelwe kubo uPetros wokuqala, ookumkani babevumela ngamanye amaxesha bakhuthaze ukumiswa kweetempile ezingabo. Ezinye zezi tempile zazinababingeleli bazo nezibingelelo ekwakusenziwa kuzo iminikelo. Ngexesha uPliny wathi amaKristu mawabonise ukunyaniseka kwawo kukumkani ngokuqhumisa nokunqula umfanekiso kakumkani, wayelandela isenzo ekwakukade simi kwi-Asia Minor.

Ayekho amaxesha kwinkulungwane yokuqala apho amaKristu ayejongana nengozi embi ngokuba ngamaKristu nje kuphela. Yayinjalo ngakumbi le nto phantsi kokumkani uNero (AD 54–68) noDomitian (AD 81–96). Kanti ke, intshutshiso ezotywe ku-1 Petros yeyohlobo lwasekuhlaleni. Imizekelo ethe ngqo yale ntshutshiso athetha ngayo uPetros, imbalwa apha eleteni, kodwa mhlawumbi ihlanganisa izityholo zobuxoki (1 Pet. 2:12) nokunyeliswa nokungcikovwa (1 Pet. 3:9, 4:14). Nangona izilingo zaziqatha, azibonakali njengezaba neziphumo ezagqiba izwe lonke: zokubanjwa okanye ukufa, okwelo xesha. Noko kunjalo, ukuphila njengomKristu kwakuwabeka amakholwa kwimeko yokubhidana neziseko ezibalulekileyo zokuhlala ngokubanzi kwixesha lenkulungwane yokuqala, kwaye ayenokuva ubunzima ngenxa yeenkolo zawo. Kungoko uPetros avakalisa umthwalo onzima xa wayebhala ileta yokuqala.

## Ukuva Ubunzima Nomzekelo KaKristu

**Funda 1 Petros 3:13–22.** AmaKrisu amele ukusabela njani kwabo babazisela ukuva ubunzima ngenxa yokholo lwawo? Kuhlanguka ngantoni ukuva ubunzima kukaYesu nokuba ubunzima bamakholwa ngenxa yokholo lwawo?

Xa athi uPetros, “ukuba nithe neva ubunzima ngenxa yobulungisa, ninoyolo” (1 Pet. 3:14), uphinda nje amazwi kaYesu: “Banoyolo abatshutshiswa ngenxa yobulungisa” (Mat. 5:10). Udlula athi, amaKristu akufuneki aboyike abo bawahlaselayo, kodwa kufuneka angcwalise (ukunika imbeko) uKristu njengeNkosi ezintliziyweni zawo (1 Pet. 3:15). Oku kwamkela uYesu ezintliziyweni zawo, kuya kunceda ukuvalela ngaphandle ukoyika abanokujongana nako kwabo babachasayo. Uthi ke ngoko, acebise ukuba amaKristu asoloko enakho ukuchaza ithemba analo, kodwa akwenze oko ngendlela enomdla—ngokuthobeka nokoyika (maxa wambi u “ukoyika” uguqulwa ngokuthi “intlonipho”); bona u-1 Pet. 3:15, 16). UPetros umi kwelithi, amaKristu kufuneka aqinisekise ukuba ababaniki abanye ithuba lokuba bawagxeke. Kufuneka asigcine isazela sawo sinyulu (1 Pet. 3:16). Oku kubalulekile, kuba abo batyhola amaKristu baya kuhlaziswa bubomi obungenabala bomKristu lowo utyholwayo. Ngokucacileyo, akukho nto intle ekuveni ubunzima kuba ungalungisi (1 Pet. 3:17). Kukuva ubunzima ngenxa yokwenza okulungileyo, okwenza umahluko obalulekileyo. “Ukuba ke kungaba kukuthanda kukaThixo ukuba nive ubunzima, okona kunilungeleyo kukubuya nisenza okulungileyo, kunokubuya nisenza okubi” (1 Pet. 3:17).

Emva koko uPetros wenza umzekelo ngoYesu. UKristu ngokwaKhe weva ubunzima ngenxa yobulungisa baKhe; ubungcwele nobunyulu bobomi baKhe bema njengesohlwayo kwabo bamthiyayo. Ukuba kukho bani oweva ubunzima ngokwenza okulungileyo, kungekuko okubi, yayinguYesu. Ukuva ubunzima kwaKhe nako kwazisa indlela ekuphela kwayo yosindiso. Wafa endaweni yaboni (“ilungisa lisiva ubunzima ngenxa yabangemalungisa.” 1 Pet. 3:18), ukuze abo bakholwayo bazuze isithembiso esibubomi obungunaphakade.

**Ingaba wakha weva ubunzima, ungenzanga okubi, kodwa kuba wenze okulungileyo? Ayenjani loo mava, wafunda ntoni ngokuba kunjani ukuba ngumKristu nokubonisa isimilo sikaKristu?**

## Umlilo Wokulinga

**Funda 1 Petros 4:12–14. Kutheni le nto uPetros esithi akufuneki bamangaliswe kukuphatheka kakubi kwabo?? Bona naku-2 Tim. 3:12, Yohane 15:18.**

UPetros uyibeke yacaca into yokuba, ukutshutshiswa ngenxa yokuba ngumKristu kukwabelana noKristu ekubandezelekeni kwaKhe. Asinto engamele kulindelwa. Ngokwelinye icala, uPawulos wabhala: “Nabo bonke ke abathanda ukuhlala ngokuhlonela uThixo kuKristu Yesu baya kutshutshiswa” (2 Tim. 3:12). UYesu ngokwaKhe wabalumkisa abalandeli baKhe ngoko baya kujongana nako: “Ngelo xesha baya kunikela ekubandezelweni, banibulale; niya kuthiywa ziintlanga zonke ngenxa yegama lam. Ngelo xesha baninzi abaya kukhutyekiswa, banikelane, bathiyane” (Mat. 24:9, 10). Ngokuka-Ellen G. White: “Kuya kuba njalo kubo bonke abaphila ubomi obungcwele kuKristu Yesu. Intshutshiso nokugculelwa kubalindele bonke abazaliswe nguMoya kaKristu. Imo yentshutshiso iguquka nokuhamba kwamaxesha, kodwa wona umthetho-siseko—umoya osisiseko sayo—ukwangulowo wabulala abanyulwa bakaYehova kususela kwimihla ka-Abheli.”—*IZenzo Zabapostile*, iph. 576.

**Funda IsiTyhilelo 12:17. Ithini ngokunyaniseka kobukho bentshutshiso yamaKristu ngemihla yokugqibela?**

Ngaphandle kwamathandabuzo, kumKristu othembekileyo, intshutshiso yinto ehlala ikho, nto leyo uPetros athetha ngayo apha ekulumkiseni abafundi bakhe ngomlilo wokulinga abajongene nawo. Umlilo sisifaniso esilungileyo. Umlilo ungatshabalalisa, kodwa uyakwazi ukususa izibi. Kuxhomekeka kuloo nto itshayo. Izindlu ziyatshatyalaliswa ngumlilo; isilivere negolide ziyahlanjululwa nguwo. Nangona kungafuneki ukuba umntu azise entshutshisweni, uThixo uyakwazi ukukhupha okulungileyo kuko. Ngoko ke, uPetros uxelela abafundi bakhe (kunye nathi): Ewe, intshutshiso imbi, kodwa musani ukuphela amandla ngenxa yayo ngokungathi yinto engalindelekanga. Bhokani phambili ngokholo.

**Singenza ntoni ukuphakamisa, ukukhuthaza, nokunceda abo baphatheka kakubi ngenxa yokholo lwabo?**

---



---

# Umgwebo Kunye Nabantu BakaThixo

**Thelekisa** u-1 Petros 4:17–19 no-Isaya 10:11, 12 noMalaki 3:1–6. Yintoni eziyithethayo efanayo ezi ndawo?

---



---

Kuzo zonke ezi ndawo, inkqubo yomgwebo ivezwe iqala ngabantu bakaThixo. UPetros ude akuhlenganise ukuphatheka kakubi kwabafundi nomgwebo kaThixo. Kuye, ukuphatheka kakubi kwabafundi bakhe abangamaKristu, akuyonto engaphantsi komgwebo kaThixo, oqala ngabendlu kaThixo. “Ngoko ke abo babuvayo ubunzima ngokokuthanda kukaThixo, mabayiyaleze kuye imiphefumlo yabo, enguMdali othembekileyo ekwenzeni okulungileyo” (1 Pet. 4:19).

**Funda** Luka 18:1–8. Oku kusinceda ukuba siwuqonde njani umgwebo kaThixo?

---



---

Ngamaxesha eBhayibhile, umgwebo wawuyinto ebaweleka kakhulu. Umbono womhlolokazi olihlwempu kaLuka 18:1–8 uyizoba kakhulu ingqondo ngasemgwebeni. Umhlolokazi uyazi ukuba kwityala lakhe angoyisa onokuxoxa ityala lakhe. Akanamali nasikhundla sifaneleyo ukuba angamanyelwa, kodwa, ekugqibeleni, umoyisele umgwebi ukuba amphulaphule aze amnike oko kumfaneleyo. Njengoko uYesu athi, “Ke yena uThixo akayi kukha abalungise na abanyulwa bakhe, abakhala kuye imini nobusuku?” (Luka 18:7). Isono sizise ububi ehlabathini, baye abantu bakaThixo kuzo zonke izizukulwana belindele ukuba uThixo azilungise izinto kwakhona. “Ngubani na ongekhe akoyike wena, Nkosi, angalizukisi igama lakho? Ngokuba inguwe wedwa ongcwele; ngokuba zonke iintlanga ziya kuza ziqubude phambi kwakho, ngokuba imisebenzi yakho yobulungisa ibonakalalisiwe” (IsiTy. 15:4).

**Cinga ngabo bonke ububi ehlabathini obuye benzeka, nobusaqhubeka busenzeka, bungohlwaywanga. Kutheni ke ngoko, ingcamango yobulungisa, nokugweba kukaThixo ngobulungisa, ibalulekile kuthi njengamaKristu? Themba lini elifumaneka kwesi sithembiso lokuba ubulungisa buya kwenziwa?**

## Ukholo Phakathi Kwezilingo

Njengoko sibonile, uPetros wayebhalela amakholwa awayesiva ubunzima ngenxa yenkolo yawo. Ngokubonisa kwembali yobuKristu, izinto ziya zibambi, okwangoku. Ngokuqinisekileyo amaKristu amaninzi kwiminyaka elandelayo afumana ukunqaba nentuthuzelo kwinto eyabhalwa nguPetros. Ngaphandle kwentandabuzo, maninzi ayifumanayo namhlanje. Kungani ukuba kubekho ukuba ubunzima? Lowo, ngokwenene, ngumbuzo weminyaka. Incwadi kaYobhi, enye yeencwadi zokuqala zeBhayibhile ukubhalwa, inokuva ubunzima njengomxholo oyintloko. Ngokwenene, ukuba ukho ubani (ngaphandle kukaYesu) oweva ubunzima, engabuva “ngokombulali, nangokwesela nangokomenzi wobubi, nangokovelela izinto angatheni nazo” (1 Pet. 4:15), yayinguYobhi. Ngapha koko, noThixo wathi ngoYobhi: “Umgqalile na kodwa umkhonzi wam uYobhi: ukuba akukho unjengaye ehlabathini, indoda egqibeleleyo, ethe tye, emoyikayo uThixo, etyekayo eubini?” (Yobhi 1:8). Kanti ke, qaphela oko usizi olunguYobhi kufuneka likunyamezele, kungekuba wayemi, kokwa kuba elungile!

**Ezi ndima zisinceda njani ukuphendula umbuzo wemvelo yokuva ubunzima? 1 Pet. 5:8, IsiTy. 12:9, IsiTy. 2:10.**

---

Impendulo emfutshane yethi, siva ubunzima kuba sisembindini wembambano enkulu phakathi kukaKristu noSathana. Ayisiso isifaniso nje esi, umfuziselo nje wokulungileyo nokubi ezindalweni zethu. Buqinisekile ububi kwaye uYesu oqinisekileyo ulwa idabi eliqinisekileyo ngenxa yabantu.

**Funda 1 Petros 4:19. Oku kubhalwe nguPetros apha, kungasinceda njani nakweyiphi into ezizamazamana nayo ngoku?**

---

Xa sisiva ubunzima, ngakumbi bungezi ngqo busisiphumo sokwenza kwethu ngokugwenxa, siye sibuze rhoqo umbuzo owabuzwa nguYobhi: Kutheni? Njengoku kuba njalo qho, asibi nayo impendulo. Ngokutsho kukaPetros, esinokukwenza, naphakathi kokuva kwethu ubunzima, kukunikela imiphefumlo yethu kuThixo, sithembele kuYe, “uMdali othembekileyo” siqhubeke “ekwenzeni okulungileyo” (1 Pet. 4:19).

**Kutheni le nto ukuzazela isimilo sikaThixo, nokwazi ukulunga kwaKhe nothando lwaKhe ngokwakho, kubaluleke kangaka kumKristu, ngakumbi ova ubunzima? Sisonke singakufunda njani ukufikelela ekumazini uThixo nokuqiniseka kokusithanda kwaKhe ngcono?**

## Ingcamango Eyongeziweyo:

Isifundo sangeCawa sithethe ngentshutshiso ajongene nayo amaKristu. Apha kunikwe isicatshulwa esikhulu kwiletha eyabhalwa ngukumkani ngokuva ubunzima kwamaKristu ngezo nkulungwane zokuqala: "... indlela endiyiqapheleyo kwabo bahlaselwayo njengamaKristu yile: Ndibabuzile ukuba bangawo na amaKristu; ukuba bathe bavuma, ndiwuphinde kabini umbuzo, ndisongeza isoyikiso sokubagwebela ukufa; ukuba baye bazingisa, ndathi mababulawe. Nokuba imvelo yenkolo yabo ithini, ndiye ndeva ukuba ngokungathandabuzekiyo, inkani yabo nokungagungqi kufanele ukohlwaywa. "Abo baye bakhanyela ukuba bangawo, okanye bakha bangawo amaKristu, abaye balandela emva kwam imithandazo eya koothixo, banikela indumiso, newayini neziqholo, emfanekisweni wakho, endandithe mawuziswe ngenxa yaloo njongo, kunye noothixo, baza ekugqibeleni bamthuka uKristu—ekungekho zenzo zinjalo abo bangamaKristu ngenene abanyanzelekileyo ukuba bazenze—aba ndiye ndabona ukuba kuhle ndibakhulule. Abanye ababebaliwe ngungcothoza ekuqaleni bavuma ngokwabo ukuba bangamaKristu, babuya bayikhanyela loo nto; ngokwenene, bebengabalo elo hlelo kodwa balishiya, kwisithuba seminyaka emithathu, abanye iminyaka eliqela, abambalwa amashumi amabini anesihlanu yeminyaka eyadlulayo. Bonke bawunqula umfanekiso wakho, bamthuka uKristu."—*Pliny Letters* (London: William Heinemann, 1915), book 10:96 (vol. 2, pp. 401–403).

## Imibuzo Yokuxoxwa:

1. Wawusithini umba ophambili awayejongene nawo amaKristu, njengoko utyhilwe kule leta yenza umdla? Kokuphi ukufana esikubonayo apha noko kuya kuza ngemihla yokugqibela, njengoko ityhilwe kwisigidimi sengelosi yesithathu kwisiTyhilelo 14:9–12? Kusixelela ntoni oku ngeminye imiba engaphantsi kwimbambano enkulu ngokwayo?
2. "Abo baphakamisa umthetho kaThixo, batyholwa ngokuzisa izigwebo phezu kwehlabathi, baye beya kuthatyathwa njengembali yokuvukela okukhulu kwendalo nedabi nempalalo-gazi phakathi kwabantu okuzalise umhlaba ngoloyiko. Amandla ahamba nesilumkiso sokugqibela sibanga umsindo kwabakhohlakeleyo; umsindo wabo uphenjwa ngakubo bonke abasamkeleyo isigidimi, aze uSathana avusele kongaphezulu ukuqina umoya wentiyo nentshutshiso."—Ellen G. White, *The Great Controversy*, pp. 614, 615. Nangona singazi ukuba konke oku kuya kwenzeka nini, singenza njani ukuhlala silungile ngamaxsha onke ukuba sijongane nenkcaso kukholo lwethu, nokuba injani na inkcaso ezayo? Sithini isitshixo sokuba sihlale silungile?

